higher education & training

Department:
Higher Education and Training
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

NATIONAL CERTIFICATE (VOCATIONAL)

ISIXHOSA ULWIMI LOKUQALA OLONGEZELELWEYO

NQF LEVEL 3

(Iphepha lokuqala)

(4101233)

13 November 2023 (X-paper)
09:00–12:00

Olu viwo lunamaphepha ali-13.

034Q1N2313

DEPARTMENT OF HIGHER EDUCATION AND TRAINING
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

NATIONAL CERTIFICATE (VOCATIONAL)
ISIXHOSA ULWIMI LOKUQALA OLONGEZELELWEYO
NQF LEVEL 3
(Iphepha lokuqala)
IXESHA: 2 ½ IIYURE
AMANQAKU: 150

IMIYALELO NEMIQATHANGO

1. Eli phepha linamaCANDELO AMAHLANU.

   ICANDELO A: Ukufunda nokunika iimbono (40)

   ICANDELO B: Ushwankathelo (15)

   ICANDELO C: Izakhi nemigaqo yokusetyenziswa kolwimi (40)

   ICANDELO D: Isihobe (45)

   ICANDELO E: Uncwadi Lwemveli (10)

2. Funda YONKE imiyalelo ngocoselelo.
3. Phendula YONKE imibuzo.
4. Qala ICANDELO NGALINYE kwiphepha ELITSHA.
5. Krwela umgca ekupheleni KWECANDELO NGALINYE.
6. Bhala ngokucocekileyo nangokucacileyo.
7. Nombola iimpendulo ngokuchanekileyo ngokwendlela ezinonjolwe ngayo kwiphepha lemibuzo.
8. Shiya umgca emva kwempendulo NGANYE.
9. Qwalasela ngokukodwa upelo nolwakhiwo lwezivakalisi.
10. Bhala ngokucocekileyo nangokucacileyo.

ICANDELO A: UKUFUNDA NOKUNIKA IIMBONO

UMBUZO 1: UVAVANYO LOKUQONDA

Funda esi sicatshulwa silandelayo uze uphendule imibuzo esekwe kuso.

ISICATSHULWA A

UKUXHOBISA

1 Umntu ukhula ngokuxhotyiswa. Into eyenza umntu abe nako ukumelana namahla-ndinyuka obomi zizinto axhotyiswe ngazo ekukhuleni kwakhe. Umntu uthi akuphuma kwingxingo ethile athi obukeleyo ancome ngelithi, 'Kowu ukhulile!' Umntu okhulayo uhamba exhotyiswa kwindlela yobomi kanti omnye uya kude alale kobandayo enikwa izixhobo. Kwezi zixhobo umntu axhotyiswa ngazo ebomini zikho ezinobungozi obungathethekiyo kwalapha kuye.

2 Mandulo amakhwenkwe elali ayenesimbo sokuthanda ukuxhwarha esixhotyeni exhobe ef'amacala. Izinto ezazihlanganisa ezi nkewu zazintathu. Eyokuqala yayikukudla imbadu. Eyesibini yayikukujonga ukucel' umngeni kumakhwenkwe enye ilali. Eyesithathu yayikukuxhobisa ngezinto ezibalulekileyo kubomi bobukhwenkwe. Nakuba ezi zinto kwakuxhotyiswana ngazo ngoonkabi zazibalulekile nje kubo, ezinye zazo zazinobungozi obungathethekiyo kuba kaloku nentlondi le yayingekude koorheme aba. Kufuneka umntu xa ehamba entlaleka entlitheka apha elizweni abe nazo izixhobo zokumelana neenkxwaleko kungenjalo uhlininika ade abe lilifa lentlekisa. Abantwana abakhuliswe ngesonka samasi nebhotolo abangayaziyo into yokuba isonka sikhe sityiwe siyinkatshunkatshu sinjalo bangaphalala ukuba kwenzekile watsha loo mthombo umpompoza izimuncumuncu.

3 Omnye umfo wakhula kuhluthwa kowabo uyise eneevenkile, iiteletele neemazi zobisi. Abantwana baloo somashishini bakhule kweli khaya kungekho nto bangenayo eyonwabisa umphefumlo womntu osaze ngobuso elizweni. Babonwabile abantwana bendoda enkulu kungekho nto bazenzela yona kuba izicaka zazizininzi kangangokuba zazigilana.
Abantwana abangamantombazana beli khaya bakhule bengawazi umtshayelo nokuba yinto yokwenzani. Amakhwenkwe wona akhule engayazi nokuba inkomo ivelwa kweliphi icala xa isengwa. Eyona nto babebalasele kuyo aba bantwana kukubukela umabonakude. Bebevuka ekuseni bahlale phambi kwale bhokisi bengaboni nabantu abamana ukungena bephuma kweli khaya labo. Umntu ozidubileyo wababulisa bebemxelela ukuba uyabaphazamisa. Kwanto bayiphathelwayo edliwayo bebeyidla bejongene nesi silingo. Ibhokisi ekuthiwa ngumabonakude ayibancedanga aba bantwana kuba bona babone nje izinto ezikude phambi kwabo babe baphelele apho, abazibona ezona zinto beziphambi kwamehlo abo.

4 Usomashishini waqubisana nokufa engabhungisanga namntu, nangona umntu obhubhayo engabhungisi nje. Liyinene elithi yakufa intaka endala amaqanda ayabola. Izinto ezazishiywe yindoda enkulu zaya zivuthuluka ngokuvuthuluka abantu bebukele bambi besithi yambi into yokuphela komzi kujongiwe nakuba ke kungekho nkwali iphandela enye, ephandel'enye yenethole.
Umhlolokazi wayesithi akuzama ukuguzula umsebenzi omnye kube ngathi uphazamise ibubu leenyosi bamgwayimbele.
Zathi zakuphela izinto zendoda enkulu abantwana bayo bangena elalini bazicelela kwanto ityiwayo. Bona ke torho kwakungekho nto baxhotyiswe ngayo ngaphandle nje kokuxhathisa ngebali lobukumkani obaphelayo.

5 Ayilulanga into yokuxhobisa umntu osakhulayo kuba ngamaxesha amaninzi akakuboni ukubaluleka kwezo zixhobo anikwa zona.
Umntu onikwa isibane sokukhanyisa ebusuku usenokungasikhathaleli eso sibane kuba esathe swii lilanga lasemini. Ukumxhobisa umntu kuyafana nokumcebisa ukuba azixhomele intanyongo. Ngexesha lasehlotyeni umntu obhadlileyo akayilahli idyasi yakhe kuba esazi ukuba ubusika bakufika ngenye imini bumenza alibale tu ukuba kwakhe kwakho ubushushu behlobo.

6 Umntwana xa ashiya ikhaya lakhe uyayalwa ngabantu abadala ukuba ahloniphe igama lekhaya lakhe. Umntwana xa esiya kufunda eYunivesithi usoloko eyikhunjuzwa ngokungathi uyilibele into yokuba eyona nto emsa kuloo mthombo yimfundo. Nakuba ke abazali nezihlobo bemxhobisa nje lo rheme kuyenzeka ukuba athi akufika eYunivesithi azibone eyinto ngobunto bayo, alibale tu ngeminqweno yabazali bakhe. Uyakwazi ukuhamba ezingela ubhelu lomsele nakuba kowabo wayengakhonjwanga bhekileni nje. Uyakwazi ukuchitha ixesha lakhe elininzi kuloo Yunivesithi ehamba edovula indima ebethwa kukuyilibala eyona yona ndima yakhe. Amazwi okumxhobisa uyawalibala tu aphethe eyinto exake abantu.

7 Indlela yokuxhobisa umntu inokufana nenkohlakalo kulowo uxhotyiswayo nakobukeleyo, kanti ngaphaya kwentaba yezilingo kukho umthombo wokukhupha unxano. Izinto eziza ziluthotho lwezilingo nezikhubekiso ziyafuna ukwamkelwa njengezinto eziqinisa ifokotho emntwini. Umntu oxhotyisiweyo waxhobiseka uyakwazi ukuma **dzu** angavumi nakancinci ukuba libhetyebhetye. Umntu oxhotyisiweyo akabinalo ixhala lokophulwa umqolo zizinto ezimze kakubi. Umntu ongaxhotyiswanga okanye umntu ozilahlileyo izixhobo zakhe usuke abe sisantanta esingenandawo isisigxina. Umntu obaleka okanye otyeshela izixhobo adibana nazo apha ebomini ubaleka okanye utyeshela isitshixo sokumvulela isango lempumelelo.

[Sicatshulwe kwincwadi yamavo ethi 'KANTI SINJE?' ebhalwe nguMC Matyumza noLL Ngewu: amaphepha 34–41 saza sahlelwa.

Jonga kumhlathi wokuqala

1.1 Khankanya isizathu esibonisa ukuba ukuxhotyiswa kululutho. (2)

1.2 Xela iindidi zibe MBINI zabantu ezibonakala zizuza koku kuxhotyiswa. (2)

Jonga kumhlathi wesibini

1.3 Xela izinto zibe NTATHU ezazihlanganisa amakhwenkwe esixhotyeni. (3)

1.4 Nika isichasi segama 'ukuhlanganisa.' (2)

1.5 Chonga isivakalisi esibonisa ukubaluleka kokuzikhusela kwiinqwithelo zobomi. (2)

1.6 Ucinga ukuba abantwana abakhuliswe ngesonka samasi nebhotolo ngabantwana abanjani? Xhasa impendulo yakho. (2)

1.7 Kukuthini ukuntlitheka? Khetha impendulo echanekileyo kwezi zingezantsi:

A Kukufumana izinto ezimnandi ebomini
B Kukufumana izinto ngondlela-mnyama ebomini
C Kukufumana izinto ezibuhlungu ebomini
D Kukufumana iitshomi ezikuthandayo ebomini (2)

Jonga kumhlathi wesithathu

1.8 Ucinga ukuba baziphethe ngendlela eyiyo abantwana balo somashishini? Xhasa impendulo yakho. (2)

1.9 Chaza isizathu esibangela ukuba umbhali awubone umabonakude njengesilingo kulo mhlathi. (2)

Jonga kumhlathi wesine

1.10 Chaza izehlo zibe MBINI ezibangwe kukungaxhotyiswa kwaba bantwana balo somashishini? (2)

1.11 Chonga iqhalo kulo mhlathi elibonisa ukuba wonke umntu kufuneka azizamele ukuphila angajongi kwabanye. (2)

Jonga kumhlathi wesihlanu

1.12 Uyangqinelana na nembono yombhali ethi ayilunganga into yokuxhobisa umntu osakhulayo? Xhasa impendulo yakho. (2)

1.13 Mfundiso ni oyifumana kule ntetho ingezantsi?

Ngexesha lasehlotyeni umntu obhadlileyo akayilahli idyasi yakhe. (2)

Jonga kumhlathi wesithandathu

1.14 Khankanya imicelimngeni ibe MIBINI abaqubisana nayo abafundi eziYunivesithi ngaphandle kwale ikhankanywe kwisicatshulwa. (2)

1.15 Ungamxhobisa uthini umfundi obonakala ewatyeshela amazwi abazali abamxhobisayo. (2)

Jonga kumhlathi wesixhenxe

1.16 Xela umsebenzi wesifanekisozwi esibhalwe ngqindilili kulo mhlathi. (2)

1.17 Chonga imbono kulo mhlathi ebonisa ukuba kulandela ulonwabo emva kwembulaleko. (2)

1.18 Yinyani okanye luluvo ukuba izinto eziza ziluthotho lwezilingo nezikhubekiso ziqinisa ifokotho emntwini? Xhasa impendulo yakho. (2)

1.19 Chaza owona myalezo okwesi sicatshulwa. (3)
[40]

AMANQAKU ECANDELO A: 40

ICANDELO B: USHWANKATHELO

UMBUZO 2: ISISHWANKATHELO

ISICATSHULWA B sithetha ngobunzulu benkalo kalwazi. Shwankathela esi sicatshulwa uphawule ngobu bunzulu benkalo kalwazi.

QAPHELA

1. Isishwankathelo sakho masiquke iingongoma eziSIXHENXE ungedluli kumagama angama-70.
2. Bhala umhlathi ongenaziphene usebenzise amazwi akho kangangoko unako.
3. Akulindelekanga ukuba ubhale isihloko xa ushwankathela.
4. Bhala phantsi inani lamagama owasebenzisileyo.

Ulwabiwo lwamanqaku = Umxholo – 07
Ulwimi – 05
Sakhiwo – 03

Funda esi sicatshulwa silandelayo uze usishwankathele ulandela imiyalelo engentla.

ISICATSHULWA B

INZULU INKALO KALWAZI

1 Ukufunda oku umntu uya kufunda ade akhokhobe okanye aye kungena engcwabeni kuba imfundo ayinaxesha, ayinamlinganiselo, yaye ingenabudala. Injalo ke le nto kuthiwa yinkalo kalwazi ayiphelelwa xesha koko kuvela le nale okanye kuyilwa okutsha imihla nezolo. Ewe zikhona iziphazamiso nemiqobo esendleleni, kodwa yona inkalo kalwazi imi imi, ifuna abatshoyo.

2 Inkalo kalwazi singayifanisa nendlu eyakhiwe ngokugqibeleleyo ngebhongo, kodwa umniniyo afumanise ukuba lonke ixesha usoloko enezinto azilungisayo ngeli xa ebeyakhe ngexabiso eliphezulu. Inika umsebenzi le ndlu, kuba kaloku iye ikhangeleke ngokungathi xa inokufakelwa izinto ezithile igqibelele, kanti kungona ifuna le nale.

3 Nalapha ke kwamfundo, uyakwazi ukuthi ubufundele into ethile, usebenza, kodwa kuthi ekuhambeni kwamaxesha kufumaniseke ukuba ikho le ndawo ekungathi ungathi xa unokuyifikelela, ufumane ukuxola, kanti ke akunjalo. Imfundo ayigqibeki, ayiphelelwa, ayigugelwa xesha.

4 Le nkalo ifuna unyamezelo, inkathalo, inkuthalo kunye nokuzimisela okugqibeleleyo. Akungencedi ukuthi, kuba ubani efundele into ethile, uze uthi nawe uza kwenjenjalo, ungakhange ube ubuqhutywe nto kuba uza kuphelelwa esithubeni. Kufuneka umntu azixelele ukuba uza kuzincama nezinto azixabisileyo ade aqoshelise eli cala azikhethela lona.

5 Ngabayinxanelweyo kuphela abaye babe nokuzuza impumelelo. Kufana nqwa namanzi amyoli xa unxaniwe. Akunakho ukuyiva incasa yawo xa unganxanwanga. Bacaca lula abantu abayinxanelweyo nabo bangayinxanelwanga ngokuba kubonwa ngezenzo nangeziqhamo.

6 Abo bathe balingcamla ifuthe lenkalo kalwazi babizwa ngokuba bazizibane ezithi zikhanyisele lonke ilizwe, bekhanyisela bonke abantu. Ingxaki ke apho ikhoyo, izibane ezi zizindidi ngeendidi. Zikho ezepalafini, eze-oli kunye nezombane. Njengokuba zizezi ndidi nje kukwangokunjalo ukukhanyisa kwazo.

7 Inzulu inkalo kalwazi, ayigqibeki, ayipheli, ayiphelelwa xesha, ayitshitshi, imi imi. Nabo baphuma kuyo bazazi ngokwabo into abayiyo, abagqibeki bafana nayo. Yiloo nto amaxhego akudala ayengayithandi mpela imfundo kuba ayesithi ijika izimilo zabantwana babo. Ewe ilungile kambe le nkalo kuba ililifa lanaphakade, kodwa isisiqatsalala sento.

[Sicatshulwe kwincwadi ethi, Amaqhekezana ethu ebhalwe nguN.V MKONTO: amaphepha 39–44 saza sahlelwa.]

AMANQAKU ECANDELO B: 15

ICANDELO C: IZAKHI NEMIGAQO YOKUSETYENZISWA KOLWIMI

UMBUZO 3

3.1 UKUHLALUTYA INTENGISO

Funda le ntengiso ingezantsi uze uphendule imibuzo esekwe kuyo.



[Icatshulwe kwi-intanethi www.googlesearch.com yaza yahlelwa]

3.1.1 Nika izinto zibe NTATHU ezibonakala kwesi sibhengezontengiso. (3)

3.1.2 Xela imveliso ethengiswayo kwesi sibhengezontengiso. (1)

3.1.3 Nika iinzuzo zibe NTATHU ezifunyanwa ngulowo osebenzisa le mveliso ibhengezwayo. (3)

3.1.4 Xela ukuba ijolise koobani le ntengiso? (2)

3.1.5 Nika isizathu sokuba igama 'luqaqambile' libhalwe ngefonti enkulu kunamanye amagama. (2)

3.1.6 Xela igama lalo mzi mveliso. (1)

3.1.7 Nika umsebenzi wophawu (itreyidimakhi) lwalo mzimveliso. (2)

3.1.8 Ucinga ukuba umfanekiso wenenekazi okwesi sibhengezontengiso uyahambelana kusini na neziqhamo ezifumaneka kule mveliso? Xhasa impendulo yakho. (2)

3.1.9 Chaza injongo yokusetyenziswa kwebhinqa elihle kwesi sibhengezontengiso. (2)

3.1.10 Ingaba ungayithenga wena le mveliso? Xhasa impendulo yakho. (2)

3.2 UKUQONDA EMINYE IMIBA YEMIDIYA



[Icatshulwe kwi-intanethi www.googlesearch.com yaza yahlelwa]

3.2.1 Xela izinto eziMBINI ezibonakala ziqhubeka kwisakhelo soku-1. (2)

3.2.2 Ungabuchaza uthi bunjani ubudlelwane obubonakala phakathi kwesi sibini sikwisakhelo soku-1. Xhasa impendulo yakho. (2)

3.2.3 Chaza ukuba ubethelela eyiphi ingcinga umbuzo kamama kwisakhelo soku-1. (2)

3.2.4 Nika isizathu sokuba uZEZAM abhalwe ngefonti enkulu kunamanye amagama kwisakhelo sesi-2. (2)

3.2.5 Xela ukuba ityhila ntoni imbonakalo kamama akubona uJeremy kwisakhelo sesi-2. (2)

3.2.6 Thelekisa imbonakalo katata kwisakhelo soku-1 kunye nembonakalo yakhe kwisakhelo sesi-2. (4)

3.2.7 Chaza ukuba idiza luphi uvakalelo imbonakalo kaJeremy kwisakhelo sesi-2. (2)

3.2.8 Uyavumelana naye na uJeremy xa athi impahla kayise iyiparashuthi? Xhasa impendulo yakho. (2)

3.2.9 Xa ubunguJeremy ubuya kuthini xa kufuneka uye esikolweni unxibe impahla yomzali wakho. Xhasa impendulo yakho. (2)

[20]

MANQAKU ECANDELO C: 40

ICANDELO D: ISIHOBE

UMBUZO 4

Funda esi sicatshulwa sombongo silandelayo uze uphendule imibuzo esekwe kuwo.

Ithemba IV Mtamzeli

1 Ziintambo zoxananazo zefuthe lovuyo.
2 Luxhalabo nok' imincil' iligubungele.
3 Bushushu bomzimba yolo lomphefumlo.
4 **Mthombo** woncumo gagu lomzuzwana.
5 Liyacima pam! Lifukuke fuku!

6 Kongazaliseki, lon' alicimi noko.
7 Sekungacac' into ukholo luhleli.
8 Wenjenjal' uHana wamhlamnene.
9 Wazingisa noko kungatsits' into.
10 Lenjenjal' igorha linyamele.

11 Masifund' ukuqin' ubomi yinkinge.
12 Qinani nonke, khanyisani zibane.
13 Su' ncama kuphele wosindiswa kamva.
14 Lenjenjal' ibhada likrobel' ingcwaba;
15 Ngawo loo mzuzu laphetshisw' apho.

16 Ubomi ngumnqants' onyukayo.
17 Zamani bethu, qinani nomelele.
18 Uthini na wen' ukulahl' ithemba?
19 Siyini isixhobo sakho edabini?
20 Wobaleka ngoko lukude notshaba.

21 Ngethemb' uzuz' uloyiso.
22 Ngethemb' uxhobel' utyhafo.
23 Lithemb' elivez' imizamo.
24 Ithemba lisus' ubugwala.
25 Ithemba ngumphumezi.

4.1 Xela indlela esakhiwe ngayo isingqisho kulo mbongo. (2)

4.2 Nika iimpawu zibe NE ezixhasa ukuba ngumbongo wosiba lo. (4)

4.3 Xela okuphuhliswa sisikweko esibhalwe ngqindilili kwisitanza soku-1. (2)

4.4 Chonga amabinzana abe maNE abonisa ifuthe elihle elenziwa lithemba emntwini kwisitanza soku-1. (4)

4.5 Caphula izifanekisozwi zibe ziBINI kwisitanza soku-1, uchaze umfanekiso ntelekelelo otyhilwa zizo. (4)

4.6 Chonga imiqolo ibe miBINI ebonisa ukunyamezela nomxhino kulowo unethemba kwisitanza sesi-2. (4)

4.7 Xela imiyalezo ibe miBINI yembongi kwisitanza sesi-3. (2)

4.8 Nika intsingiselo etyhilwa kumqolo we-14. (2)

4.9 Nika imisebenzi yemibuzo buciko esetyenziswe kumqolo we-18 nowe-19. (2)

4.10 Chaza intsingiselo yomqolo okrwelelwe umgca ngaphantsi kwisitanza sesi-4. (2)

4.11 Xela iinzuzo zibe NTLANU ezifunyanwa ngulowo unethemba ngokwesitanza sokugqibela. (5)

4.12 Nika intsingiselo etyhilwa yimiqolo 21, 22 no 23 ngethemba. (3)

4.13 Nika imfundiso oyizuze ngokufunda lo mbongo. (3)

4.14 Xela ukuba lo mbongo ungena phantsi koluphi udidi lombongo. Xhasa impendulo yakho. (3)

4.15 Chaza ukuba wena uyibona njani into yokuba nethemba? Xhasa impendulo yakho. (3)

[45]

AMANQAKU ECANDELO D: 45

ICANDELO E: UNCWADI LWEMVELI

UMBUZO 5

5.1 Xela iindidi zibe NTATHU zeentsomi. (3)

5.2 Nika imisebenzi ibe miBINI yesibongo. (2)

5.3 Xela umahluko ube MNYE phakathi kweqhalo nesaci. (2)

5.4 Tshatisa la maqhina alandelayo.

IQHINA		IMPENDULO	
5.4.1	Qash! Qash! ndinamtshakazi wam ufa ebhinqile	A	ngamehlo
5.4.2	Ray! Ray! Ray! Ray! ndinanto yam idl' ikrokra ijonge phantsi	B	ngumtshayelo
5.4.3	Qash !Qash! ndinanto yam iwela umfula uzele	C	yihagu

(3 × 1) (3)

[10]

AMANQAKU ECANDELO E: 10
AMANQAKU EWONKE: 150